

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



Uezekiel Lentswetshipi, umlimi weAbnBev waseMntla Ntshona, uxakeke ngokusebenza amasimi akhe.

Ukuhlakula umhlabu kakuhle kunganceda NGOKULAWULA IINDLEKO

UKUHLAKULA UMHLABA KUYA KUSOLOKO KUYENYE YEENDLELA EZINEENDLEKO EKUFAMENI NGEZITYALO, APHO IDIZILI IYENYE YEZIDINGO EZINEENDLEKO EZIZEZONA ZIPHEZULU. XA KUHLANGANISWA IINDLEKO ZEDIZILI, EZOKUKHANDWA KWEETREKTARA NOLONDOLOZO LWAZO OKO KUDLA MALUNGA NAMA 20% EENDLEKO ZIPHELELE ZEZABELO EZINGQALILEYO NEZIGUQUGUQUKAYO ZOKULINYWA KWEE-NKOZO. OKU KWENZA UKUBA KUBALULEKE UKUYIPHICOTHA NGOKUTSHA IMIGAQO YOKUHLAKULA.

Itheyibhile 1 ibonisa ukusetyenziswa kwedizili okunxulumene neenkubo ezahlukahlukenyo zokuhlakula umhlabu. Ezi nkukacha ziyayizulisa ingqondo malunga nokuthi ingaba ukusetyenziswa kwedizili kungancitshiswa na. Inye indlela ekunokwensiwa ngayo oku, kukuqinisekisa ukuba ukuhlakula

kwenziwa ngokuchanekileyo futhi kufunyaniswe ubunzulu bokusebenza obuchanekileyo buze bugcinwe ukuze le ngxaki isonjululwe.

UMHLABA UHLAKULELWA NTONI?

- Umhlabu uhlakulelwa ukutshabalalisa ukhula, izinambuzane ezonakalisayo kanye nezifo, ukuhlanganisela iintsalela zezityalo neekhemikhali ngokunjalo nokuyila umandlalo wezithole ukuze zihlume futhi zikhule.
- Ukuhlakula umhlabu kungakwandisa ukungenelela kwamanzi.
- Kudala ukwakheka komhlaba wangaphezulu ofanele ukuphuha kweengcambu, ukutyhutyha komoya kuze kuyile ulwakhwiwlo lwethutyanu ukuze kutshatalaliswe ukhukuliseko olwensiwa ngumoya.
- Ngamaxehsa okukrazula okunzulu, oko kudala ukwakheka komhlaba ongaphantsi ofanele ukungenelela okunzulu kweengcambu okufana nokuqhekeza ukugangatheka komhlaba.

Ukuhlakula umhlaba kakuhle...

1 *Ukusetyenziswa kwedizili kwiinkqubo ezahlukahlukeneyo zokuhlakula umhlaba.*

Inyathelo	Idizili esetyenziswe (iilitha/ngehektare) ngenyathelo ngalinye	Inkqubo yokunga-hlakuli	Inkqubo yokuhlakula okuncitshiswe ngenkqubo yokulima ngekhuba elisisitshwezi	Ukuhlakula okuncitshi-swe ngenkqubo yokukrazula nzulu kabini	Inkqubo yokuhlakula ngekhuba
Ikhuba elisisitshwezi okanye elikrazula nzulu	23,93	0	1	1	0
Ikhuba elisisitshwezi	12,77	0	1	0	0
Ikhuba lezikotile	17,50	0	0	1	2
Ikhuba	20,50	0	0	0	1
Ukulima nokutshiza	13,25	1 (25,15)	1	1	1
Umaleko ongaphezulu	7,30	1	1	1	1
Ukubulala ukhula	4,98	1	0	0	0
Ukubulala izinambuzane	4,98	1	1	1	1
Idizili iphelele esetyenziswe ngenkqubo nganye		42,41	62,23	66,96	81,03

Umthombo weenkukacha: Isikhokelo seARC sango-2010 seeNkukacha ngoMbona

- Maxa wambi umhlaba uhlakulelwu ukulawula ukhukuliseko olwenziwa ngumoya.

PHAMBI KOKUHLAKULA

Bubulumko ukwenza isiqgibo sokuthi leliphi inyathelo lokuhlakula eliza kusetyenziswa ukuze kumiselwe kwangaphambili imigqaliselo ngokwenyathelo ngalinye. Enye yeenjongo ezingundoqo zokuphethula umhlaba okokuqala kukususa iimaleko ezigangathekileyo nokuqhekeza umhlaba. Ukuze oku kwenzeke ngocoselelo, kubalulekile ukufumanisa ukuba ingaba kukho iimaleko ezigangathekileyo ngenene na, ukuba kunjalo, zifumaneka kubunzulu obungakanani na. Olo Iwazi luya kwalatha ubunzulu ekufuneka kusetyenzwe kubo.

Ipenetrometer sesona sixhobo sibalaseleyo sokulinganisa ukugangathuka ukuze kwenziwe isiqgibo ngobunzulu ekufuneka kusetyenzwe kubo, kanti nomngxuma wenkangeleko yomhlaba nawo ungaahlolwa ukuze kufunyaniswe ukutyeba kokugangathuka. Nangona kunjalo, kunzima ukufumanisa ukuchaneka okukuko ezantsi kummandla ogangathekileyo kanti ke, obo bubunzulu bokusebenza obuncomekayo. Ngokuya sifikelela enzulwini isixhobo esisebenzayo, nedizili esetyenzisiwego iya kwanda. Ngoko ke, bubulumko ukusebenza kubunzulu obudingekayo kuphela. Umthetho onika ithemba umalunga nodongwe oluthe kratya, oluthetha ukuba kuya kusetyenzelwa kwiimaleko ezinganzulwanga, kuze kube sisichasiso xa kungenjalo.

Ngokuqinisekileyo, ukushinyana nobukhulu bokhula kuya kwalatha umgaqo wokuhlakula. Xa luluncinane ukhula, kuba lula ukulutshabalalisa. Kanti xa ukhula lulukhulu uze ufune ukusebenza ikhuba, qinisekisa ukuba izikere ezisetyenziswayo zichanekile nokuthi ziyasika okanye ziyalubulala ukhula. Ukuba ukhula lufanele ukubulawa, isikotile esikrazula intsimi okanye ikhuba liya kusebenza phucukileyo naxa siduru ngokuthe chatha. Ukugcina ixesha ke kuyiyo yonke into. Ukuba ukhula luyekwa lukhule lude lube lukhulu, kuya kuba neendleko ezandileyo ukulutshabalalisa.

Ukuze ukwazi ukulawula iindleko zokuhlakula, isiqualatho sokufuma komhlaba ongaphezulu sibalulekile. Kwakhona kuya kufuneka inyathelo elithe chatha lokuqhekeza amagade. Kuqaphele nokuba ukusebenza emhlabeni owome kakhulu kuya kwandisa ukonakala kwetrekta kunye nomatshini. Ukuba kwelinye icala umhlaba umanzi kakhulu, nako oko kungadala iingxaki. Ukuba abalimi bafta ukukrazula umhlaba omanzi kakhulu, umatshini wokukrazula awusayi kwaphuka emhlabeni njengoko

kucingeleka kodwa uya kwenza izigaqa emhlabeni aphi ubungakhlulwanga kakuhle khona.

Isiqualatho somhlaba esichanekileyo singafumaniseka ngokwemba umhlaba ngomhlakulo. Ukuba umhlaba wembeka lula, oko kuthetha ukuba mahle amathuba okuhlakuleka kwentsimi. Okungaphaya kweqweqwe eliqinileyo nelomileyo elityebe ngaphezu kwe-10 cm kuthetha ukuba kufanele kurhoxwe, umsebenzi umiswe kude kudlule usuku lwemvula.



Ukuze kwenziwe uhlalutyo lomhlaba, kufanele kwembiwe umngxuma wenkangeleko yomhlaba.

Umhlaba oyisanti ungaahlakuleka ngokukhawuleza emva kwemvula kunomhlaba oluvunduvunu. Okuqhelekileyo kukuba kuphinde kuse-tyenzwe emva kweentsuku ezimbini emva kwemvula enku, kodwa xa ingumhlaba oluvunduvunu makulindwe kudlule iintsuku ezintathu. Ithuba lesiqabu sokuhlakula umhlaba oludongwe lifutshane, kuba usuka uhlale umanzi kakhulu kwithuba elide kodwa uphinde wome ngokukhawuleza kwakhona. Ukugcina ixesha kuyiyo yonke into.

UKUHLAKULA UMHLABA

Ngethuba lokuhlakula, mabuthathelwe ingqalelo rhoqo ubunzulu bokusebenzisa oomatshini ukuze kuqinisekiswe ukuba umatshini usebenza kubunzulu ebekujoliswe kubo. Xa kuhlakulwa ngekhuba, kulula ukubuqwalaselwa emseleni ongekho nzulu. Xa kuhlakulwa ngesitshwezi, ubunzulu ekuse-tyenzwa kubo bukhola ukuqikelelwaa ngokububaxa kungako bufanele ukuqwalaselwa ngentonga yokulinganisa ubunzulu.

Ubunzulu bokusebenzisa izikrazuli mabulinganiswe emseleni owe-niwe ngamazinyo nangesikere sikamatshini. Khumbula ukuqala ngokulungelelanisa umhlaba kwiqondo lokulinganisa, wugangathe kancinane njewandule ukuwulinganisa uwuthelekise nomhlaba ongasetyenzwanga. Xa uhlakulwa umhlaba uyaphakanyiswa kanti unganika imbonakalo engeyiyo. Ngokunjalo qwalasela isakhono sikamatshini ngokulinganisa ukugangatheka phakathi kwamazinyo.

Kukholisa ukwenzeka ukuba oomatshini bamazinyo batsalele imisele kuphela emhlabeni kodwa bungayiqhekezi ngokupheleleyo inkangeleko. Oku kusebenza kuba amazinyo eqeletene kakhulu okanye umhlaba sukuba umanzi kakhulu. Umthetho onika ithembu kukuvula izithuba phakathi kwamazinyo kangangama 70% obunzulu bokusebenza ekugqaliselwe kubo. Oku kusandisa kakhulu isakhono sokusebenza.

Qwalasela izikere ukuba azonakalanga na. Isixhobo sokukrazula kune nezikere zekhuba elisisitshwezi xa zisonakala ethubeni ziba mfutshane. Oku kubangela ukuba umatshini ungakwazi ukuya enzulwini kwithuba elide njengoko kuqheleke ukuba ivili elilawula ubunzulu lisetyenziswe koomatshini abanamazinyo.

Kwinkqubo yokuhlakula aphi kungekho ntsalala yezityalo ngapezu komhlaba, oko kungakhokelela ekumbubekeni kweqweqwephezulu kulo lonke ixesha lokulima. Ukubumbeka kweqweqwe kwakhona kukhokelela kunqongophalo lokunge-nelela kwamanzi ukuze ekugqibeleni kubekho ukhukuliseko olwenziwa ngamanzi. Amanzi aqeqelegayo nawo ayalahleka angafumaneki kwimveliso yezityalo ngokunjalo nezivuno zezityalo zibe nganeno. Ukuhlakula kumphezulu womhlaba kuyancomeka ekuqhekezeni amaqweqwae anjalo.

Indlela encomekayo yokulawula iindleko kukebenzisa inkqubo yolawulo lokusetyenziswa kwemigaqo. Oku kuquka iitrektara ezigcina imizila yazo konyaka wokulima uphelele. Ukugangatheka komhlaba kuyacutheka kanti namafutha okubaselaa setyenziswa ziitrektara ayancipa.

Iliqela imibandela edinga ukuqwalaselwa. Ngoko ke, kubalulekile ukuzidibanisa nengcaphephe malunga nalo mba. ■



**PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMELEYO KWEZOLIMO**



AMAZWI AVELA... kuJurie Mentz

UKUNYUKA KWAKUTSHANJE KWAMAXABISO AMAFUTHA OKUBASELA NOKWANDA JIKELELE KWEENDLEKO ZENKOLISO YEEMVELISO ZAMALUNGISELELO NGUMBANDELA OBAXHALABISA KAKHULU ABALIMI BETHU. ABALIMI BANYANZELEKA UKUBA BAMELANE NEZI NDLEKO FUTHI BENGADI NOKUBA BAYA KUFUMANA NTONI MALUNGA NEEMVELISO ZABO EMVA KWEENYANGA EZINTANDATHU OKANYE EZISIBHOZO. EZI NDLEKO ZINYUKAYO ZENZA INKXALABO ENKULU KUBLAMI.

Xa umntu ekwazi ukuthoba umoya naxa exhalabile, kuthiwa 'akabhebhezel'i'. Igcisa lobuchule laseMelika, uGoldie Hawn, lathi isakhono sokuhlala uthobe umoya futhi ugcine ugqaliselo Iwakho phantsi kweemeko ezibangela inkxalabo ngundoqo lowo ekwenzeni iziqqibo ezinika ithembu.

Ukufama ngempumelo kuthetha ukutshataliswa kwemingci-phiko. Umlimi ufanele ukusoloko ezama ukuzihambela phambi iingxaki amanyathelo akhe angezi emva kwazo kuphela kuba seleqhutywa kokvenzekileyo. Uku uthatha amanyathelo sekonakele, uya kusoloko eleqa emva kweengxaki.

Ngokolovo lwam kubalulekile ukuhlanganisela ulime kune nezityalo zokutshintsha kwawona masimi akho asemgangathweni ophezelu kumaxesha eentandabuzo uze ulime amadlelo ukwenzela imfuyo yakho emasimini asemgangathweni ophantsi weemveliso. Umlimi ufanele ukukwanda oko anako kangangoko anokwenza. Ngamanye amazwi, udinga ukwandisa ifama yakhe nemisebenzi eyenziwa kuyo. Endaweni yokulima yonke into, azikise ekufumaneni izivuno eziphucukileyo.

Eyona mibandela ibalulekileyo mine eneempembelelo kwizivuno zezityalo kukchuma komhlaba, imozulu, ubukho bamanzi, kune nezifo. Ukuze sikhazi ukuyihlangabeza le mingeni, sidinga ukucinga nzulu ngesicwangciso sethu sokukhupha imveliso nangendllela esino-kuphucula ngayo isicwangciso sethu. Isicwangciso sefama siphelele sifanele ukuncomeka.

Enyanisweni sifanele ukucinga okungaphaya kwebhokisi esikuyo. Thina njengabalimi sidinga ukukhupha iimveliso ezithe kratya naxa singathathi ntweni ukuba sifuna ukusinda. Indlela enye yokuphucula amasimi ethu esinawo kukuthatha iisampulu semihlaba rhoqq, sifake ikalika aphi idingeka khona ngokunjalo silungise ubumuncu nezinye iimeko zonqongophalo. Enye indlela kukusebenzisa imigaqo yojikeleziso Iwezityalo njengoko ibonakele isebeza phucukileyo kunomgaqo wokulima isityalo esinye kwinkqubo yesiqhelo okanye yokungawuphethuli umhlaba. Yinyaniso eqhelekileyo ukuba ukulima umbona emva kweembotyi zesoya kuhokelela kwisandiso sesivuno ngetoni e-1 ngehektare. ■

UKUPHUHLISELA IFAMA YAKHO isicwangciso sentengiso

NTENGISO IBANDAKANYA NGAPHEZU KWEZIGANEKO ZOKUTHENGISA NJE KUPHELA. IPHINDA IQUKE IMI-GQALISELO YEMALI, IZALATHISO ZEMINGCIPHEKO, UKWENZA UPHANDO NGAMAXABISO AHLUKAHLUKILEYO NEZICWANGCISOCEO ZOKUNIKELA IIMVELISO NGOKUNJALO NAMATHUBA OKWENZA INTENGISO.

Eli nqaku lilandela inqaku ebelinesihloko esithi, *isicwangciso sentengiso yomlimi*, elipapashwe kumeyi wama-2022, nebelijoliswe kwimigaqosiseko yesicwangciso sentengiso. Injongo yeli nqaku kukunceda umlimi ngokupuhlisa isicwangciso sentengiso.

INJONGO YESICWANGCISO SENTENGISO

Undoqo womgqaliselo wesicwangciso sentengiso kukuba umlimi akwazi ukuhlawula iindleko zokulima ngokunjalo ayiqonde imbuyiselo ekujoliswe kuyo ngotyalomali. Inyathelo lokuqala kukwenza isigqibo ngezixhobo eziya kumsebenzela ngokugqibeleyo, ngokuthathela ingqalelo imigqaliselo yemali kunye nezidingo zomqukuqelo wemali esesandleni. Inyathelo elilandelayo kukufumanisa ukuba zingaphi iitoni ezifanele ukuthengiswa xa imveliso inokuba kurhwebo leqondo lamaxabiso ekujoliswe kuwo. Kwixesha ngalinye umlimi elinnde ixabiso elithe chatha, kubakho nexabiso elinokubakho elephantsi.

Elona nyathelo libalulekileyo kukusihlola rhoqo ngokuphindaphinda isicwangciso sentengiso njengoko iziseko zitshintshatshintsha. Ngenxa yokutshintsha okukhawulezayo kwiimeko zentengiso, ukuba umlimi yena aka-sitshintshi ngolo hlobo isicwangciso sakhe sentengiso, oko kungakhokelela kwiimeko zethemba elibaxeleyo okanye zokutyhafa okubaxeleyo ukuze azibone selesenza izigqibo zentengiso ezingafanelenkanga neziqhutuya ziimvakalelo. Eminye yemibandela eyiyona mikhulu enefuthe kwixabiso yimozulu, enokukhokelela kwiinguquko ezinkulu malunga nesityalo somlimi esilindelekileyo okanye naxa imeko yemali itshintsha kakhulu.

Umba onzima ngesicwangciso sentengiso kukunamatheka kuso xa ixabiso likwiqondo ekujoliswe kulo. Ngaphandle kokuziqeqesha, abalimi banokuzibhaqa bebambeke kwiimvakalelo ngamaxabiso aphezulu kwixesha elizayo baze ekugqibeleni bathengise imveliso yabo ngexabiso elinganeno nakwelona liphantsi xa imeko ibingalindelekanga.

Lo ngumnikelo wokuggibelwa kalkageng Maluleke ofudukele KwaZulu-Natal aphi asebenza khona ngoku njengomphathi wendawo phantsi koMbuto waseMzantsi Afrika wabaLimi boMmoba. UChristiaan Vercueil, oyngcali kwezoqoqoshu nosephantsi koqeqesho IwaseGrain SA, uya kuba engena ezihangwini zikalkageng kwiqela *lePula Imvula*.

— UMHELEI



Zama ukuthintela okulandelayo:

- **Ukuzithemba kakhulu iingqikelelo zamaxabiso ezenziwa ngaphambili.** lingqikelelo ezenziwa ngaphambili mazingabonwa njengenya-niso eqinisekisiweyo, kodwa mazijongwe njengeembono ezenziwa ngaphambili ngokuqwalasela iinkucukacha ezifumaneka kwelo xesa. Xa iimeko ebezibonwe njengeembono ezenziwe ngaphambili zitshintsha, kuya kuba njalo nokutshintsha kwamaxabiso abeqikelelwwe ngaphambili.
- **Ukuzama ukuthengisa iimveliso ngelona xabiso liphezulu.** Abalimi bayaphoswa ngamathuba amahle amaxabiso, ngokuzama ukuthengisa ngelona xabiso liphezulu. Uggaliselo oluphucukileyo kukuzama ukuthengisa iinkozo ngokoluhlu Iwamaxabiso okuthengisa akwistathu esiphezulu kwelo xesa.
- **Ukukhuphela ngaphandle iindleko ungaqondanga xa ubala ixabiso lokukhutshwa kwempahla efama.** Abalimi kufuneka bazazi zonke iindleko ezinokuthathyathwa malunga nesicwangcisocebo esikhethiweyo. Ngokunjalo bafanele ukubala iindleko ziphelele xa benesigqibo sokugcina isityalo sabo.
- **Ukwenza zonke izigqibo ngentengiso okanye ukungazenzi kaphela.** Ukulibeka kakhulu ithemba kungakhokelela ekubeni kungabikho sityalo ebisilindelekile esithengiswayo. Abalimi badinga ukuzinabisa izigqibo zabo zentengiso kulo lonke ixesha lokulima ngokuthathela ingqalelo amaqqondo amaxabiso ekujoliswe kuwo kunye nemibandela esisiseko.
- **Ukuqhutuya ziimvakalelo kakhulu.** Abalimi badinga ukuhlala beziqwalasela kakuhle izinto, akukhathaliseki ukuba amaxabiso abhekisa ngakweliphi icala.
- **Ukuvumela uhlobo Iwesimo somntu ukuba nefuthe kwizigqibo.** Abalimi abahlala ethembeni ebomini, basuka babe nethemba elibaxeleyo lokuba amaxabiso aya kunyuka, kanti abo basoloko bengenathemba, bazixelela ukuba amaxabiso aya kwehla. Abalimi badinga ukuziqwalasela iintlobo zezimo zabo kwaye mabazame ukukwenzelelela oko xa besenza izigqibo.
- **Ukunxibelelana.** Kubalulekile ukuba abalimi babazise ababancedisa nge-ntengiso kunye neentsapho zabo ngezicwangciso zabo zentengiso, ukuze kungabikho kungaqqondani nokubangelana inkxalabo. Ukunxibelelana kwakhona kunganceda ekugcineni umlimi enako ukuphendula ngezenzo zakhe xa iqondo lexabiso ebekujoliswe kulo lifikelelekile, ngaloo ndlela kungathinteleka ukuba izigqibo zabo zentengiso zingajiki zibe ziziggibo zeemvakalelo.

Abalimi mabaqaphele ukuba impumelelo yentengiso ilinganiswa ngo-kwenzuzzo ngehektare nganye kungelilo ixabiso ngetoni nganye. ■

IKAGENG MALULEKE,
INGCALI YOQQOQOSH
KWEZOLIMO EGRAIN SA



INkomfa yaseGrain SA yama-2022

Uxanduva lotshintsho

SEYIDLULILE IMINYAKA EMININI UKUSUSELA EKUSUNGULWENI KOMVALELANDWINI. KWELI XESHA ABALIMI ABAFUMENANGA THUBA LIHLE LOKUBAMBISANA NEZINYE IINGINGQI. IINDABA ZOKUBA INKOMFA YAMA-2022 YEGRAIN SA INAKO UKUZINYASWA NGOBUQU ENAMPO PARK NGOMHLA WESI-2 NOWESI-3 KUMATSHI, NGOKO KE ZAMKELWE NGEMINCILI EMIKHULU.

Amalungu, amagosa karhulumente, abadlalizindima, iingcali zezifundo, abahlulelane nabathathinxaxheba bathathe uhambo besuka kwiindawo ezikude ezahlukileyo besiya eNAMPO PARK ngaseBothaville ukuya kushukuxa umxholo weNkomfa walo nyaka othi 'Uxanduva lotshintsho'. Usasazo ngqo lwenkomfa luye lwaphunyezwa kwiyou Tube ukulungise-lela abo banomdla.

Abalimi beNew era bebeye kulo msithi egameni leengingqi zabo (ingiqi yama-28 ukuya kweyama-33). Balibalule kangangoko iwonga lokumela iingingqi zabo. Bathethe ngamava abo okufumana ulwazi, kanti kuninzi lwabo oku ibikukwakhela phezu kwamanye amathuba ebebebandakanye kuwo. Owona mtsalane abaxhamle kuwo aba balimi waba kukukwazi ukubonisa nezinye iingingqi nokwabelana ngamava nangezimvo.

Omnye wemiba engundoqo ajolise kuyo uGrain SA luzinzo lwabali kanti kuphawuleke ukuba iingxoxo ngeenkalabo zimana zibuyela kwingsaksi enye, ekuthiwa ziimveliso zamalungiselelo, ngxaki leyo esuke nayo yalatha inkqubo yemiba yeengxoxo zeNkomfa. Inkqubo ibandakanye iingxoxo ezimbini zeenkokeli zeengxoxo ngenjongo yokulungise-lela abalimi ithuba elithe kraty leengxoxo nelokubonisana.

- Ingxoxo yokuqala esungulwe ziinkokeli zeengxoxo iye yajoliswa kwiindleko zeemveliso zamalungiselelo ezinyukayo nakwisingdingo sokundulula izinto entsha ngokunjalo kuxoxwe nangobuchwephe-she obutsha ukuze kugcinwe ukhutshiswano nehlabathi liphelele. Bezikhokelwa yiCEO uQq Pieter Taljaard.
- Lingxoxo zesibini ezikhokelwe ziinkokeli, neziphunyezwe nguCorné Louw: iNkokeli eyiNgcali yezoQoqosh eziSebenzisekayo neyee-Nkonzo zobuLungu zaseGrain SA, ngxoxo ezo bezijoliswe kuphando, kupuhhliso nakwizindululo ezintsha malunga nezichumiso.

Abalimi bonwabele ukuba yinxalenyen yeenqubo nokuba nenxaxheba kwinkqubo zokwenza izigqibo. Bawubone umxholo uhambelana nengxaki abajongene nayo ngoku yokunyuka kweendleko zeemveliso zamalungise-lelo. Ukumamelia izithethi ngezithethi kuneen neenkokeli zeengxoxo kubancede ekubeni baconde ukuba asingabo bodwa abaqubisene nengxaki leyo nokuthi abadlalizindima bamashishini ahlukahlukileyo basebenzela ukuphumeza izicwangciso zokunceda ngokuthomalaalisa ezinye zezithinte-lo. Ukuacelwa kukuba iGrain SA isesizikithini sezi ncoko zahlukahlukileyo, kuhlohole ukuthenjwa kwalo mbutho ngokutsha.

AMATHUBA EENGXOXO ZAMAQELA

Bonke abalimi abebenenxaxheba kumathuba eengxoxo zamaqela, badibanise iintloko ngemibandela eyahlukileyo malunga neemveliso – umbona, iiiriyeli zasebusika, oojongilanga/amazimba, ngokunjalo neembotiyesoza kuneen namandongomane – bexoxa ngale mibandela. Nantsi imiba embalwa eye yakhanya kumathuba ezi ngxoxo:

Umbona

- Kunikwe ingxelo elandeliswayo malunga nemibandela ephume kwimizuzu yentlanganiso yangaphambili.



Abathathinxaxheba kukhokelo lwengxoxo yoku-1 ibinguGq Pieter Taljaard, iCEO yaseGrain SA; uTony Esmeraldo waseCorteve Agri-science; uFrank Rothweiler waseBayer; uJozeph du Plessis, ilungu lesiqeba esilawulayo seNgingqi yesi-2 noDipepeneneng Serage umlawuli oyintloko kwiSebe lezoLimo, ukuBuyiselwa kweMihlaba noPhuhliso lwamaPhandle (DALRRD).



UCorne Louw, neenkokeli zengxoxo eziquka uJohannes Louw waseSasol; uNcumisa Mxhalisa ovela kwiSebe lezoRhwebo, uShishino noKhutshiswano; uKgampi Bapela ovela kwiMbumba yaseMzantsi Afrika yoPhuhliso loShishino; uLouis Strydom ovela eOmnia Fertiliser nolilungu lesiqeba esilawulayo saseGrain SA.



Amalungu esiqeba esilawulayo uRamodisa Monaisa noJeremiah Mathebula kuneen noMussa Thomas Sibiya abavela kwiNgingqi yama-29 nokhethwe njengesithethi esiphambili ebésinganikwanga wonga.

INkomfa yaseGrain SA yama-2022...

- Kwenziwe izibalo malunga nesakhono senzuso semveliso yombona phantsi kweemeko zangoku nezfifanele ukunikelwa ngocoselelo kubalimi nakurhulumente.
- Uphando ngembewu nangomgangatho wembewu ngokunjalo nangokuhlelwa kobukhulu obushiyashiyanayo bembewu.

limbotyi zesoya

- Kucetyiswe ukuba umgaqo wangoku womrhumo wokukhulisa nowobuchwepheshe kuqhutywe ngawo kwiminyaka emibini ezayo. Kuxhaswe ukusetyenziswa ngokusesikweni kwexabiso le 1,2% leembotyi zesoya.
- UChris Sturgess weJSE unikele ngengxelo elandeliswayo malunga nekomiti entsha yobugcisa bobuchule emiselwe ukuhlalutya umfuziso ondululwayo ngokuphathelele kumahluko ngokweendawo zokusebenzela.
- Iindawo zeentengiso zeembotyi zesoya ezithengiswa emazweni angaphandle ngoku zinesakhono esiphezulu ngaphezu kwesombona. Ngenxa yokuba kulinywa iihektare eziphezulu ukuze kuthengiswe ngaphandle isixa seembotyi zesoya esilingana nesombona, kukho izinto eziluncedo zokuba isiseko sezibonelelo sinako ukuyiphatha phucukileyo intengiso yangaphandle ngokunjalo nokuthi, kwelinye icala, siyawazi ukuphungula uxinzelelo lokulima umbona oza kuba yintshiyekela.

Oojongilanga namazimba

- Kukho inkxalabo enkulu malunga nokuxhathisa kweSclerotinia kushishino loojongilanga, ngakumbi kulo nyaka wemvula exaphakileyo. Amalungu alunyukisiwe ngokuba ayiphaphamele le meko futhi athathe amanyathelo ngokwemiqathango.
- Izityalo ezilinyiweyo zikajongilanga ziyanda kwaye kubonakala ukuba seliza kugaleleka ithuba lokudubula kweentyatyambo.
- Kukho uchulumanco olukhulu malunga namazimba. Luqoshelisiwe ufundonzulu ngetsheyini lokuqhubela phambili imveliso kwaye kubonakala ngathi oko kwandise isakhono kanye namathuba.
- Kuphononongwe imimandla yentengiso emazweni angaphandle kwaphinda kwensiwa amalinge okulungelelanisa amaxabiso okuthenga nawokuthengisa emazweni angaphandle.



UMaseli Letuka, ilungu elikhethwe kutshanje leNgingqi yama-31.



UJerry Mthombothi, umphathi wengingqi wophuhliso ovela kwiofisi yaseMbombela, uphethe izingxobo zezipho zabazimase eli theko bevela kwiningqi yakhe.



UGq Sandile Ngcamphalala, inkokeli yoPhuhliso IwabaLimi, unabameli ababini babahluelane beNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi – uCalvin Mojapelo waseStandard Bank, noThapelo Maboko waseBASF.



Amandongomane

- Ukusekwa kwerhafu yokuthenga ibhotolo yamandongomane emazweni angaphandle: Ukusetyenziswa kwayo sekunikelwe ngoku kulindelwe ukuba kusayinwe nguMphathiswa.
- Abalimi baqala ngokulima iimbotyi zesoya kuba kunemingcipheko enganeno kwaye kulula noko ukukuxhasa ngemali ukuze oko kukhokelele ekuncitshisweni kokulima amandongomane. Ukuba awanelanga amandongomane, kufuneka kuthengwe athe kratya emazweni angaphandle kuze oko kukhokelele kwintlawulo ephantsi efunyanwa ngabalimi.
- Umba onika ithemba undululwe liqumrhu labucala eliphakamise imihlanganisela emitsha.

HELPING YOU GROW
YOUR CROPS AND
FARMING BUSINESS



PANNAR®
Together we farm
for your future™

CORTEVA
agriculture

® Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2022 Corteva. 2022/CORP/E/008DEV

PULA IMVULA



Usuku lokuqala IweNkomfa beluzin-yaswe ziindwendwe ezingama-469.



Emva kweenkubo zosuku lokuqala, abathunywa bebenethuba lokuphuma bonwabele ukuba kunye nokufumana ukutya okumnandi.



UPaulus Mosia, uMlimi woNyaka wama-2018 waseGrain SA, Bayer onesaKhono soRhwebo, nolsrael Motlhabane, ilungu langaphambili lesiqebea esilawulayo seNgingqi yama-31, bayibona inkomfa njengesinye sezibane ezikhanya kwikhalenda yezolimo.



Iisiriyeli zasebusika

- linkxalabo ngokunya kwexabiso lessonka zithiwe thaca etafileni.
- UGrain SA wabele iinkqubo zenzozo iingxowamali kunye nenye inkxaso yemali efunyene-nwe kurhulumente.
- Amalungu acelwe ukuba abe nenxaxheba kumalinge ophando eGrain SA malunga namaxabiso eemveliso zamalungiselelo.
- Izityalo ezizezinye ezifana nemidumba yelupin ngoku zinikwa ingqalelo kodwa usemnini umsebenzi ofanele ukwenziwa wokwandisa amathuba.

UBUNKOKELI

UDerek Mathews (usihlalo) nosekelashlalo uRichard Krige baphinde banyulwa. Bancediswa ngusihlalo wesibini osandul' ukukhethwa, uJeremiah Mathebula. Abalimi bakholelwabekubeni iinkokeli zabo zeengingqi ziya kunika inkonzo edingwa kakhlulu ngabalandeli bazo kumaqonga eengxoxo ahlukileyo nokuthi ilizwi labo liya kuya ngokomelela ukuya phambili. Xa bebebuzwa abalimi ukuba zinto zini abanqwenela ukuziphucula, bathe banqwenela ukuvula imijelo yonxibelewano ethre kraty phakathi kwabo. ■

**IKAGENG MALULEKE,
INGCALI YOQOQOSHO
KWEZOLIMO EGRAIN SA**



Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

- 086 004 7246
- www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296
sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit
■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPUHLISO

Johan Kriel
Free State (Bloemfontein)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Mbombela)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel
ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlyanyane

Luke Collier
EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Cwayita Mpotsi (Office assistant: Mthatha)
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Ukuhlangana kumhlaba wasekhaya

SEYILELO xesha lonyaka lokunika ingxelo ngemisebenzi yeNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi kwaye siziva sinemincili ngenxa yamathuba esiye sawafumana. Sinombulelo ngako konke ukuzibandakanya kwabo bonke abadlalizindima becandelo abanomdla kune nangemirhumo yabo.

Eli xesha lokulima lang-2021/2022 esizibandakanya ngalo kwimisebenzi enxulumene nala manani alandelayo amalungu abalimi kwizintlu ezahlukileyo kwiqonga leengxoxo elinye ubuncinane kumaqonga ethu eengxoxo:

- 86 abalimi borhwebo be-new era
- 215 abalimi abanesakhono sokurhweba (> kwe-100 leehektare)
- 318 abalimi abarhweba kancinane (iihektare ezili-10,5 ukuya kwezili-100)
- 11 916 abalimi abalimela ukuziphilisa (0,5 ukuya kwiihektare ezili-10)



6 277 abalimi
besifazi abaqua-
quzelayo

6 879 abalimi
bamadoda
abaququzelayo



Inkxaso enikwa abalimi ngabanye ijoliswe ekwakheni amashishini asaqalayo okufama anozinzo. Injongo yethu kukunikela ngenkxaso enzulu yomntu omnye-ekunye-nomnye kabalimi ababalaseleyo nabalolwe kwinkqubo yofundonzulu malunga nocwangciselo lokulima, ulawulo, ukucela uncedo Iwemali kune nokunika iingxelo. Inkxaso yabantu ngabanye ifanele ukuxhobisa aba balimi ukuze babe nesakhono njengabalimi abarhwebayo kodwa bafumane amacebiso ngokutsalela umnxeba kubacebisi babo ngamaxa athile.

Abalimi asebekwibanga eliphambili abangama-208 ngoku bafumana inkxaso kwaye sebefumene **amathuba otyelelo kwifama zabo ezingama-853** ngokunika **iingecebisozomntu omnye-ekunye-nomnye**. Ethubeni aba bantu bazibonakalise kumabanga alicela, oko kuukua ukuzinikela, ukuba nezakhono zobuchule kune namandla. Kukholeleka ekubeni ngenxa yenkxaso enzulu yomntu omnye-ekunye-nomnye bangaqhube ka ngokukhulisa amashishini abo okufama.



Omnye umlimi uThabang Tsephe we-new era ufama eOngeluksneg ngaseMatatiele eMpuma Koloni. Uliilungu leKlabhu yeeToni ezingama-500 kwaye ufumana inkxaso kumpfathi wophuhliso Iweengingqi, uLuke Collier, okwiofisi yaseKokstad.



UPatrick Stuurman, umlimi we-new era ofama kuMasipala waseAlfred Nzo eMpuma Koloni, naye ufumana inkxaso kwiofisi yaseKokstad. UPatrick lilungu lesigqeba esilawulayo seNgingqi yama-33.

Ukufunda kutshintsha ubomi babantu

AMAQELA ofundonzulu anikelwa yINkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi asebenza njengeqonga leengxoxo elidlulisa iinkcukacha eziquka izifundo kune nemisebenzi yoqequesho. Likwanikela ngendawo apho abalawuli nabacebisi bophuhliso Iweengingqi banokusebenza khona njengeentsika zeenkqubo zokuhla ziya umsebenzi wokufama, nezokutshintsha ubomi babantu.

Nazi iingqokelelomanani malunga namaqela ofundonzulu:

- Phakathi komhla woku-1 kuOkthobha wama-2021 nowama-28 kuFebruarwi wama-2022 kubanjwe **iintlanganiso zamaqela ofundonzulu ezingama-616**.
- Ngoku **amaqela ofundonzulu angama-175** anikwa inkonzo yingcaphephe eyingcali yezolimo nangabaqequeshi.
- linkonzo zenkxaso zezolimo zinikwe abalimi abangamalungu aququzelayo ala maqela kanti kurekhodwe **abantu abazizimasileyo abangama-6 221**.



Iintlanganiso ebanjwe liqela ofundonzulu leZaaiplaas eLimpopo. Aba balimi bameme uJerry Mthombohi, umphathi wophuhliso Iweengingqi weofisi yaseMbombela, ukuze bafumane izikhokelo.



Amalungu eqela ofundonzulu akholisa ukuya kwesinye sezifundo zezakhono zemisebenzi yoqequesho ezinikelwa ngabaqequeshi beGrain SA ezifana nesifundo sikamatshini wokutyalu noku-faka imilinganiselo kwitsitshizi esoluliweyo.